UNogumbe

SABATHA EMVA KWEMINI

Funda Ukulungiselela Isifundo Sale Veki: *Gen. 6:13–7:10, 2 Pet. 2:5–9, Genesis 7, Rom. 6:1–6, Ndum. 106:4, Genesis 8, Gen. 9:1–17.*

Indima Yenkumbulo: " 'Ke kaloku, njengokuba ibinjalo imihla kaNowa, koba njalo nokufika koNyana woMntu' " *(Matthew 24:37)*.

"Wabona uThixo ukuba ububi babantu bandile ehlabathini, konke ukuyila kweengcinga zentliziyo yabo kubububi bodwa imihla yonke" *(Gen. 6:5)*. Isenzi "wabona" *(Gen. 6:5)* sibuyisela umfundi emva kwinyathelo ngalinye le Ndalo kaThixo yokuqala. Kodwa into ayibonayo uThixo ngoku, endaweni ka-tov, "kulungile," ngu-*ra*', "bububi" *(Gen. 6:5)*. Kukhangeleka ngathi uThixo uyazisola ngenxa yokudala ihlabathi, ngoku elizele ra' *(Gen. 6:5)*.

Kodwa noko kunjalo, ukuzisola kukaThixo kuqulathe iimpawu zosindiso, ngokunjalo. Igama lesiHebhere elithetha "ukuzohlwaya" (*nakham*) lihlokoma kwigama likaNowa (Noakh), elithetha "intuthuzelo" *(Gen. 5:29)*. Ngoko ke, ukusabela kukaThixo kobububi kuntlantlu-mbini. Kuqulathe isisongelo sobulungisa, kukhokelele kwintshabalalo kwabanye; ize noko kunjalo, ukusabela kwaKhe kuthembisa intuthuzelo nenceba, kukhokelele kusindiso kwabanye kanjalo.

Eli "lizwi lintlantlu-mbini" lalisele livakele kuKayin noAbheli/Sete, kwaye latyhutyhumeza ukuphindwa kukungafani kweminombo emibini kaSete (oonyana bakaThixo") noKayin ("oonyana babantu") Ngoku siliva kwakhona xa uThixo esahlula phakathi kukaNowa noluntu luphela.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Apreli 23.*

Ukulungiselela uNogumbe

Funda: kwiGenesis 6:13-7:10. Sifundo sini esinokusifunda kule ngxelo imangalisayo yembali yokuqala yoluntu?

_____

_____

NjengoDaniyeli, uNowa ngumprofeti oxela ngenxa engaphambili isiphelo sehlabathi. Igama lesiHebhere elimele "umkhombe" (*tevah*) *(Gen. 6:14)* ikwa ligama elinye lemboleko elinqabileyo elasetyenziswa "kumkhombe," eyayifihlwe kuwo imveku enguMoses nowalondolozwayo ukuze asindise amaSirayeli eYiputa *(Eksod. 2:3)*.

Kananjalo, abanye babone kwindlela owakhiwe ngayo umkhombe izinto ezifana netyeya yomnquba *(Eksod. 25:10)*. Kwanjengokuba umkhombe kaNogumbe uzakuvumela ukusinda koluntu, ngoko ityeya yomnqophiso, eluphawu lobukho bukaThixo phakathi kwabantu bakhe *(Eksod. 25:22)*, yalatha kumsebenzi kaThixo wosindiso kubantu baKhe.

Ibinzana "Wenza uNowa konke uThixo abemwisele umthetho ngako" *(Gen. 6:22)* liqukumbela isigaba samalungiselelo. Isenzi '*asah*, "wenza," esisingisele kwisenzo sikaNowa, sisabela kwisenzi '*asah*, "wenze," kumyalelo kaThixo, esiqale isigaba *(Gen. 6:14)* nesiphindaphindwe izihlandlo ezihlanu (*Gen. 6:14–16)*. Le ntlokoma phakathi komyalelo kaThixo nokusabela kukaNowa ibonisa intobelo epheleleyo kaNowa kwinto uThixo amxelele uba makayenze, ukuba "wenze. Kukwanika umdla kanjalo ukuba eli binzana likwasetyenziswa kumbandela wokwakhiwa kwetyeya yomnqophiso *(Exod. 39:32, 42; Exod. 40:16)*.

"UThixo wanika uNowa imilinganiselo echanekileyo yomkhombe nemiqathango etsolileyo ngokuphathelele ekwakhiweni kwawo kwincukacha nganye. Ubuqili bomntu babungenakuze buqulunqe isakhiwo esiluqilima nesomelele ngolo hlobo. UThixo wayengumyili, waza uNowa wayingcibi eyintloko."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 92.

Kwakhona, uthelekiso phakathi kwale "mikhombe" mibini luqinisekisa kwakho umsebenzi wayo wokusindisa ofanayo. Intobelo kaNowa ngoko ichazwa njengenxalenye yecebo losindiso likaThixo. UNowa wasindiswa kuphela ngenxa yoba waba nolo kholo lokwenza oko uThixo amyalele kona *(bona Heb. 11:7)*. Waba ngumzekelo wantlandlolo wokholo oluzibonakalisa ngentobelo, uhlobo lokholo ekuphela kwalo olusemcimbini *(Yakobi 2:20)*.

Ngamafutshane, nangona "uNowa wababalwa nguYehova" *(Gen. 6:8)*, yayi kukusabela kolu babalo, awayesele elunikiwe, le nto uNowa wenza ngokuthembakeleyo nangentobelo kwimiyalelo kaThixo. Oko akumele ukuba njalo kuthi sonke?

Funda 2 Petros 2:5-9. Kwathini ukuze kusindiswe usapho lukaNowa kuphela? Sifundo sini esinokusifunda kwibali likaNowa ngokuphathelele kwindima emasiyidlale ekulumkiseni ihlabathi ngomgwebo ozayo?

Isiganeko sikaNogumbe

Isenzi '*asah*, "wenze," esisingisele kwizenzo zikaNowa, sikwa ligama elingundoqo kwingxelo yeNdalo kwiGenesis *(Gen. 1:7, 16, 25, 26, 31; Gen. 2:2)*. Izenzo zikaNowa zentobelo kuThixo zifana nezenzo zikaThixo zendalo. Esokukuthabatha kweli khonkco kukuba uNogumbe awukho kuphela ngokohlwaya kukaThixo uluntu, koko ngoThixo esindisa thina, kanjalo.

Funda: **kwiGenesis 7. Kutheni le nto inkcazelo kaNogumbe isikhumbuza ngengxelo yeNdalo? Zifundo zini esinokuzifunda kokukufaniswa kwezi ziganeko zibini?**

_____

_____

_____

Ufundo olunengqalelo lwendima egubungela uNogumbe lutyhila ukusetyenziswa kwamagama amaninzi afanayo neentetho kunye nebali le Ndalo: "isixhenxe" *(Gen. 7:2, 3, 4, 10; thelekisa neGen. 2:1–3)*; "inkunzi nemazi" *(Gen. 7:2, 3, 9, 16; thelekisa neGen. 1:27)*; "ngohlobo lwazo" *(Gen. 7:14; thelekisa neGen. 1:11, 12, 21, 24, 25)*; "izilwanyana," "iintaka," "izinambuzane" *(bona kwiGen. 7:8, 14, 21, 23; thelekisa neGen. 1:24, 25)*; nawo "umoya wokuphila" *(Gen. 7:15, 22; thelekisa neGen. 2:7)*.

Ibali likaNogumbe lifundeka, ngoko, ngandlel'ithile nebali leNdalo. Ezi ntlokoma zeengxelo zeNdalo zinceda ukutyhila ukuba uThixo odalayo ikwa nguThixo otshabalalisayo *(Deut. 32:39)*. Kodwa ezi ntlokoma zikwabonisa kanjalo isigidimi sethemba: uNogumbe ulungiselelwe ukuba abe yindalo entsha, ephuma emanzini, ekhokelela kubomi obutsha.

Intshukumo yamanzi ibonakalisa ukuba esi siganeko sendalo, eneneni, sibuyisela emva isenzo seNdalo kwiGenesis 1. Ngokungafaniyo neGenesis 1, echaza ukwahlulwa kwamanzi angaphezulu kumanzi angaphantsi *(Gen. 1:7)*, uNogumbe ubandakanya ukudityaniswa kwawo kwakho njengoko egqabhuka ngaphaya kwemida yawo *(Gen. 7:11)*.

Esi senzeko sizisa umyalezo okhangeleka uziphikisa: uThixo kufuneka atshabalalise into ekhoyo ukuze avumele indalo entsha kamva. Ukudalwa kwehlabathi elitsha kudinga ukutshatyalaliswa kwelidala. Isiganeko sikaNogumbe sibonakalisa ngenxa engaphambili usindiso olungomso lwehlabathi ekupheleni kwexesha: "'Ndabona izulu elitsha, nomhlaba omtsha; kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba udlule'" *(IsiTyhi. 21:1; thelekisa no-Isa. 65:17)*.

Yintoni ekuthi edinga ukutshatyalaliswa ukuze idalwe ngokutsha? *(bona kumaRom. 6:1–6.)*

Ukuphela koNogumbe

IGenesis 7:22-24 idandalazisa imiphumela eyothusayo nethe gabalala yamanzi, nawathi “abhubhisa ke izinto zonke eziphilileyo” *(Gen. 7:23)* aza “aba namandla ehlabathini imihla elikhulu elinamanci mahlanu” *(Gen. 7:24)*. Kungenxa yale ngxelo yembubhiso nokungabi nathemba awathi “uThixo wakhumbula” *(Gen. 8:1)*. Eli binzana lizinze embindini weendima ezibandakanya uNogumbe, into ebonakalisa ukuba le ngcamango sisigidimi esingumongo wembali kaNogumbe.

Funda: kwiGenesis 8:1. Kuthetha ukuthini ukuthi uThixo “wamkhumbula” uNowa?

_____

_____

_____

Isenzi *uzakhar* “khumbula,” sithetha ukuthi uThixo akalibelanga; singaphezu nje kokusebenza kwengqondo. NgokwaseBhayibhileni “uThixo okhumbulayo” oko kuthetha ukuzalisekiswa kwedinga laKhe yaye kusoloko kubhekiselele kusindiso *(bona kwiGen. 19:29)*. Kumbandela kaNogumbe, “uThixo wamkhumbula” uthetha ukuthi amanzi “avingcwa” *(Gen. 8:2)* kwaye kungekudala uNowa uzakukwazi ukuphuma emkhombeni *(Gen. 8:16)*.

Nangona kungekabikho myalelo utsolileyo wokuba aphume, uNowa uthath’uxanduva athumele ihlungulu, ize ibe lihobe, ukuvavanya imeko. Ekugqibeleni, xa ihobe lingabuyi, uyaqonda “amanzi atshile ehlabathini; uNowa walususa uphahla lomkhombe; wakhangela” *(Gen. 8:13)*.

Isenzo sikaNowa sityebile kwizifundo ezibambekayo. Kwelinye icala, sifundisa thina ukuthemba uThixo nangona engekathethi ngokutsolileyo; kwelinye icala, ukholo alukhabani nexabiso lokuqiqa nokuvavanya. Ukholo aluluchwetheli ecaleni uxanduva lokuqiqa, ukufuna, nokubona ukuba oko sikufundileyo kuyinene.

Noko kunjalo, uNowa uphuma kuphela xa uThixo, ekuggqibeleni, amxelela ukuba makenze njalo *(Gen. 8:15–19)*. Oko kukuthi, nkqu naxa sele eyazi ukuba kukhuselekile ukuphuma, uNowa usathembele kuThixo yaye ulindele umqondiso kaThixo ngaphambi kokuba aphume emkhombeni. Walinda ngomonde ngaphakathi emkhombeni. “Kwanjengokuba wayengene ngokomyalelo kaThixo, walinda imiqathango eyodwa yokuba aphume. . . . Ekugqibeleni isithunywa sehla emazulwini, savula ucango olukhulu, sayalela inyange nendlu yalo ukuba baphume baye emhlabeni bahambe nayo yonke into ephilayo.”—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 105.

Funda kwiGenesi 8:1, Genesi 19:29, neNdumiso 106:4. Intetho “uThixo uyakhumbula” ithetha ukuthini? Le nyaniso ithetha ntoni kuthi, ngoku-oko kukuthi, uThixo ukubonakalise njani ukuba “uyakukhumbula”?

Umnqophiso: Isigaba sokuQala

Ngoku lithuba apho umnqophiso odingiweyo wawuzakuzalisekiswa khona. “ ‘Ndiwumise umnqophiso wam nawe, ungene emkhombeni wena, noonyana bakho, nomkakho, nabafazi boonyana bakho, ndawonye nawe’ ” *(Gen. 6:18)*. Ngokungafaniyo nesigrogriso esingcwele sokutshabalalisa *(Gen. 6:17)*, lo mnqophiso lidinga lobomi.

Funda: kwiGenesis 8:20. Wenza ntoni uNowa kuqala esakuphuma emkhombeni, yaye kwakutheni?

_____

_____

NjengoAdam noEva, abathi ngokuqinisekileyo banqula uThixo ngeSabatha ngoko nangoko emva kweentsuku ezintandathu zeNdalo, uNowa wanqula uThixo ngoko nangoko emva koNogumbe, esinye isiganeko sendalo kuso nangokunokwaso. Kukhona umehluko, noko kunjalo, phakathi kwezi zenzo zonqulo. Ngokungafaniyo noAdam noEva, abanqula uThixo ngqo, uNowa kwafuneka abhenele kwidini. Oku kokuqala ukukhankanywa kwesibingelelo kwiziBhalo. Umbingelelo “lidini elinyukayo” (‘*olah*), owona mbingelelo mdala nowona uxhaphakileyo. KuNowa, lo mbingelelo yayingumnikelo wombulelo *(thelekisa neNum. 15:1–11)*, owanikezelwa ukubonakalalisa umbulelo wakhe kuMdali, omsindisileyo.

Funda: kwiGenesis 9:2-4. UNogumbe wasicaphazela njani isityo soluntu? Yintoni ummiselo ohamba nesithintelo sikaThixo?

_____

_____

Ngenxa yefuthe likaNogumbe, ukutya okuzizityalo kwakungasafumaneki njengoko kwakuqhele ukubakho. Ngenxa yoko, uThixo wabavumela abantu ukuba badle inyama yezilwanyana. Oku kutshintsha kwesityo kwaaqandusela kwinguqu kubudlelane obuphakathi kwabantu nezilwanyana, ngokungafaniyo nento ebukade buyiyo phakathi kwabo kwiNdalo yasekuqaleni. Kwingxelo yeNdalo, abantu nezilwanyana, babesabelana ngesityo sezityalo yaye kwakungoyikwana omnye nomnye. Kwihlabathi elisemva koNogumbe, ukubulawa kwezilwanyana zisenziwa ukutya kwaquka ubudlelane boloyiko nokunkwantya *(Gen. 9:2)*. Bathe besakuqalisa ukutyana, abantu nezilwanyana, ngaphandle kwamathandabuzo, baqalisa ubudlelane obahluke mphela kunoko babekonwabele eEden.

Ukunyamezela kukaThixo, noko kunjalo, kwakunezithintelo ezibini. Okokuqala, ayizizo zonke izilwanyana ezazilungele ukudliwa. Esokuqala sasicacile ekwahluleni phakathi kwezilwanyana “ezihlambulukileyo neziyinqambi,” nto leyo eyayiyinxaleyo yomyalelo weNdalo *(bona kwiGen. 8:19, 20; thelekisa neGen. 1:21, 24)*. Esi sesibini sasicacile sisitsha kwaye yayikuzinxwema ekudleni igazi, kuba umphefumlo usegazini *(Gen. 9:4)*.

Umnqophiso: Isigaba sesiBini

Funda: **kwiGenesis 8:21-9:11. Yintoni intsingiselo yokuzibophelela kukaThixo ekulondolozeni ubomi? Intsikelelo kaThixo ikufezekisa njani oko kuzibophelela?**

_____

_____

Ukuzibophelela kukaThixo ekulondolozeni ubomi yayi sisenzo sobabalo; yayi ngesosiphumo semifaneleko yomntu. UThixo wagqiba ukuba alondoloze ubomi emhlabeni phakathi kobubi babantu *(Gen. 8:21)*. IGenesis 8:22 ifundeka ngoluhlobo, ngokuphandle, "ngayo yonke imihla yehlabathi"; oko kukuthi, lo gama lisekhona eli hlabathi langoku, amaxesha azakufika adlule nobomi buxhaswe. Ngamafutshane, uThixo akayincamanga indalo yaKhe.

Eneneni, le ndima ilandelayo, ethetha ngentsikelelo kaThixo, isibuyisela emva kwiNdalo yasekuqalekeni, nentsikelelo yayo *(Gen. 1:22, 28; Gen. 2:3)*. UYehova, ngandlel'ithile, wayenika uluntu ithuba lokuqala kwakhona, ukuqala ngokutsha.

Funda: **kwiGenesi 9:8-17. Yintoni intsingiselo yomnyama? Lo "mqondiso womnqophiso"** *(Gen. 9:13)* **unxulumana njani nomnye umqondiso womnqophiso, iSabatha?**

_____

_____

Ibinzana "ndiwumise . . . umnqophiso" liphindwe kathathu *(Gen. 9:9, 11, 17)*, ukuphawula uvutho-ndaba nenzaliseko yedinga likaThixo lokuqala *(Gen. 6:18)*. Ukulandela isigaba esingaphambili, esihambisana nengxelo yeNdalo yeentsuku ezintandathu, esi sigaba sihambisana nesigaba esibandakanya umhla wesixhenxe wengxelo yeNdalo, iSabatha. Ngaphakathi kule ngxelo uphindaphindo, izihlandlo ezisixhenxe, lwegama "umnqophiso" luhlokoma neSabatha. NjengeSabatha, umnyama uluphawu lomnqophiso *Gen. 9:13, 14, 16; thelekisa ne-Eksod. 31:12–17)*. Kanjalo, njengeSabatha, umnyama uphangalele kwelimiweyo liphela; uquka ihlabathi lonke. Kwanjengokuba iSabatha, njengophawu lweNdalo, ingeyomntu wonke, ndawo zonke, isithembiso sokuba akukho nogumbe uyakuphinda atshabalalise sesomntu wonke, ndawo zonke, kanjalo.

Kwixa elilandelayo xa ubona umnyama, cinga ngawo onke amadinga kaThixo kuthi. Kutheni nje sinokuwathemba lo madinga, yaye umnyama usibonisa njani ukuba singawathemba?

_____

Ingcamango Ngakumbi: Uthelekiso phakathi kwengqondo nokuziphatha kwabantu nemeko yehlabathi ngaphambi koNogumbe kunye neyabantu kule mihla yethu luyafundisa ngakumbi. Ukuqiniseka, ububi babantu asisosehlo sitsha. Jonga iimfano phakathi kwexesha labo nelethu.

"Izono ezakhweba impindezelo ngakwabo behlabathi elingaphambi konogumbe zikho namhlanje. Ukoyika uThixo kukhwelelisiwe ezintliziyweni zabantu, nomthetho waKhe uphathwa ngokungakhathali nendelelo. Ukuthand'ihlabathi okumandla kweso sizukulwana kulingana noko kwesi sizukulwana siphilayo ngoku. . . . UThixo zange abagwebele ukudla nokusela abantu bangaphambi konogumbe. . . . Isono sabo sasiqulathe ukwamkela ezi zipho kungekho mbulelo ngakuMniki, nokuzirhuqa phantsi ngokwaneza ilithe kungekho kuzilawula. Kwakusemthethweni kubo ukuba batshate. Umtshato wawungokomyalelo kaThixo; wawulelinye kumaziko okuqala awayewamisele. Wanikezela imiqathango eyodwa ngokuphathelele kule nkonzo, wayambathisa ngobungcwele nobuhle; kodwa le miqathango yayi lityelwe, waza umtshato wagqwethwa wenziwa into yokukhathalela inkanuko. Imeko enjalo yezinto ikho ngoku. Oko kusemthethweni kuyabaxwa. . . . Ubuqhopholo nokunyoba nobusela zinyalasa zingakhuzwa kwiindawo eziphezulu nezisezantsi. Imiba yamaphepha-ndaba igutyungelwe ziingxelo zokubulala. . . . Umoya wesiphithiphithi utyhutyha iintlanga zonke, kwaye uqhambuka amaxesha ngamaxesha ukuxhokonxa uloyiko lwehlabathi luphawu lwamadangatye enkanuko nokungabi namthetho okuthe, luphulukene nolawulo, oluzakuthi luzalise ihlabathi ngobubi nentshabalalo. Umfanekiso onikezelwe impefumlelo ngehlabathi langaphambi konogumbe ubonisa ngokuyinene ncakasana imeko uluntu lwanamhlanje olungxameleyo kuyo ngokukhawuleza. Nkqu nangoku, kule nkulungwane imiyo, nakwimimandla ezibiza ngobuKristu, kukho izono ezenziwa kakubi nangokoyikekayo njengezo aboni behlabathi elidala batshatyalaliselwa zona."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, pp. 101, 102."

Imibuzo Yengxoxo:

1 **Zintoni iimpawu ezifanayo zoluntu lwangaphambi koNogumbe kunye nezethu? Ezi mpawu zifanayo zisifundisa ntoni ngobabalo lukaThixo lokuba phakathi kwayo yonke le nto, uyalithanda ihlabathi yaye, nangoku, usafuna ukusindisa anako ukubasindisa?**

2 **Abanye abantu baxoxa ngelithi uNogumbe kaNowa yayi sisiganeko sesiphaluka kuphela. Yintoni engalunganga ngalo ngcamango? Ukuba oku bekuyinyani, kutheni unogumbe wesiphaluka ngasinye (nomnyama ngamnye) ubuzakumenza ixoki uThixo?**